
Ilizwe leehagu lahlaselwa ngumkhuhlane owosulelayo.

Inkosi yeehagu yaziyalela ukuba zizigqume iimpumlo zihlale emakhaya.





UMama uHagu wayebahlamba rhoqo oohagwana ukuze babe sempilweni.

Wayeqinisekisa bakhuselekile ngokugquma iimpumlo zabo ngeekawusi.


UTata uHagu weyehlala ebakhangela amaqondo obushushu bomzimba.






Kwakubuhlungu koohagwana ukuhlala ekhaya bevalelekile. Babenesiyali bekhumbula abahlobo babo.

Uhagwana uHlatsi wayengeva eneenkani. Wayikhulula eyakhe ikawusi waya kudlala phandle.






Ngemini elandelayo, uHlatsi wayethimla efunyenwe ngumkhuhlane.


UMama uHagu wasa uHlatsi kwaGqirha.
UGqirha wamnika amayeza.






Kwafuneka uHlatsi ahlale iiveki ezimbini evalelekile. Wayengadlali nabanye oohagwana.

Emva kwethuba uHlatsi waphila wavumeleka ukuya kudlala phandle nabanye.





Inkosi yeehagu yayalela ukuba iihagu zigonyelwe umkhuhlane esibhedlele.

Emva kogonyo saye saphela esi sifo kwilizwe leehagu.

Zonke iihagu zazisusa iikawusi ezimpumlweni.

Ubomi babamnandi kwakhona.

